

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| September 2018 Edition 2

Mahlangu showcases Ndebele heritage to the world

DESPITE HAVING no formal education, iconic Ndebele artist Esther Mahlangu has gained international fame, thanks to the passion she has for her heritage.

More Matshediso

Dr Esther Mahlangu (82) is the perfect embodiment of what can be achieved by embracing your heritage.

Mahlangu is known all over the world as the South African artist from the Ndebele nation who uses her contemporary painting style to represent amaNdebele.

Her work has been featured by various local and international brands such as BMW, Honda, British Airways, Albany and Tastic rice, to mention a few. It has also been showcased in many art exhibitions across the globe.

Vuk'uzenzele visited her home near Mthambothini in Mpumalanga to speak to her about the importance of embracing heritage and culture.


"My heritage is part of who I am. It is important for everyone to love who they are and respect their culture. Respecting your culture can take you places and also put food on your table," she said.

Youth and heritage

Mahlangu said young people should take it from her that sticking to their roots and embracing their traditions and culture could be their ticket to the world.

She has proudly embraced her Ndebele culture throughout her life, in how she

● **Cont. page 2**



Registering customary marriages protects families

Page 4



Crushing fruits for a healthier business

Page 6



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

Ukubhalisa umtshato wesintu kukhusela iintsapho

Dale Hes

EMzantsi Afrika, imitshato yesintu yamkelekile kwaye ithathwa njengenxalenye yamasiko nenkcubeko. Noko kunjalo kubalulekile ukuba sikuqonde ukuba le mitshato kufuneka iqhutywe ngendlela esemthethweni nefanelekileyo, ukuze kukhuselewe amalungelo endoda namomfazi ngokunjalo.

Umlawuli wezomthetho weKhomishini eLwela uLingwano ngokoBuni uMarissa van Niekerk, ucacisa ngemitshato yesintu kunye nezinye izinto ezibalulekileyo ngawo.

Vuk: Yintoni imitshato yesintu?

MvN: Imitshato yesintu iqhutywa ngokwamasiko nezithe zentlanga ezahlukeneyo zoMzantsi Afrika.

Vuk: Ingaba le mitshato kufuneka iqhutywe ngokweyiphi imithetho?

MvN: Imitshato yesintu iphantsi koMthetho wokuHlonitshwa kweMitshato yeSintu wowe-1998 (uMthetho uNombolo 120 wowe-1998). Kufuneka iqhutywe ngokwale migaqo ilandelayo:

- Abatshati bobabini kufune-



ka bavumelana ukuba baza kutshatana.

- Abatshati bobabini kufuneka babe neminyaka yobudala engaphezulu kweli-18, ngaphandle kokuba abazali okanye abagcini babo abasemthethweni ngabo ababakhululelayo, ukuba omnye wabatshati uselula.
- Lo mtshato kufuneka ubhaliswe kwiSebe leMicimbi yezeKhaya zingaphelanga iinyanga ezintathu ukuze kukhuselwe abatshati, abantwana kunye namalu-

ngu osapho xa kunokwenzeka lo mtshato uqhawulwe okanye kubekho oswelekayo.

- Xa kubhaliswa lo mtshato, abatshati kufuneka baphathe iincwadi-zasizi zabo kunye nesivumelwano selobola (ukuba sikhona). Kufuneka kubekho ingqina nokuba linye elikhoyo eliphuma kwikhaya ngalinye.
- Indoda efuna ukutshata umfazi wesibini ngokwesintu kufuneka ifake isicelo enkundleni.

- Abantu abatshate umtshato wesilungu abavumelekanga ukutshata isintu.

UMthetho wokuHlonitshwa kweMitshato yeSintu uthi bobabini abatshati kolu hlobo lo mtshato banamalungelo afanayo njengendoda nomfazi.

Vuk: Ingaba zeziphi iingxaki ezinokulindeleka emtshatweni wesintu?

MvN: Ukungawubhalisi umtshato kungenza iingxaki ezinkulu. Ukuwubhalisa kwenza ukuba abatshati babe nobungqina bokuba umtshato

ukhona ngenene, kuba kunzima kakhulu ukuqinisekisa ukuba umtshato ongabhaliswanga ukhona ngenene. Oku kwenza kube nzima nakwiinkundla zomthetho ukuba zikhusele amalungelo abatshati xa kuthe kwakho uqhawulo-mtshato, xa kuchotshelwe imiba yelifa lomntu oswelekileyo kunye namalungelo abantwana kunye namalungu osapho.

Enye into edla ngokubangele ingxaki phakathi kwabatshati kukungahluli phakathi koqhawulo-mtshato nokwahlukana. Kufuneka kubethelelewe ebantwini ukuba yinkundla kuphela enelungelo lokuqhawula umtshato. Abantu abatshatileyo abahlukanayo bengayanga nkundleni akukho nto baza kuyifumana ngokomthetho kumalungelo ahamba noqhawulo-mtshato olusemthethweni. **V**

Ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe ngalo mba tsalela iKhomishini eLwela uLingwano ngokoBuni kule nombolo: 0800 007 709.

Urhulumente unceda amakhaya

Dale Hes

Njengoko amaxabiso ezinto enyuka urhulumente wenza konke anakho ukuphungula umthwalo ohleli emagxeni abantu abaninzi boMzantsi Afrika ngokuthi ezinye izinto ezithengwayo zingafakwa irhafuntengo (i-VAT).

Iinjongo zokungafaki i-VAT kukuphungulela umthwalo amakhaya amkela imivuzo ephantsi, wona achitha isixa esikhulu semivuzo yawo kwizinto zasekhaya.

Izinto ezingafakwa irhafu azibhataliswa irhafu-ntengo eyi-15%. Injongo yoku kukunceda abemi boMzantsi Afrika ukuba bongelimali.

Ezi ntlobo zokutya zingena-VAT zili-19 ziquka: umbona, umngqusho, irayisi, isonka esimdaka, iziqhamo, imifuno,

intlanzi esetotini, amaqanda.

Ezinye izinto ezingabhataliswa i-VAT ziquka idzili, ipetroli kunye neparafini kwakunye neenkonzole ezithile ezifana nemali yerenti, imali yokukhwela uloliwe nezinye izithuthi kunye nemali yokufunda.

Ngenyanga yoMdumba urhulumente wabhengeza ukuba uza kuyinyusa i-VAT isuke kwi-14% iye kwi-15%. Urhulumente waqonda ukuba oku kuza kwafaka ezingxakini zezimali amakhaya asokolayo.

Ukuphungula umthwalo weengxaki obangwa ngamaxabiso ezinto aphezulu uMphathiswa wezeMali uNhlanhla Nene watyumba iqela eliza kucebisa ngezinye izinto zasekhaya ezinokongezwa kuluhlu lwezo zingabhataliswa i-VAT.

Emva kokuba eli qela liqhuba uphando olunzulu labamba neendibano zokubonisana noluntu, liye lacebisa ukuba

kongezwe ezinye izinto ezisetyenziswa emakhaya kuluhlu lwezo zingafakwa VAT. Ezo ziquka;

- Isonka esimhlophe
- Iflawa yesonka
- Iflawa yekeyiki
- Iitawuli zoomama
- Iyunifomi yesikolo
- Amalweyile (amanapkeni)

Eli qela liye lakhuthaza uNondyebo weSizwe ukuba aqinisekise ukuba umahluko owenziwe kukungafaki i-VAT uxhanyulwa ngabathengi hayi abavelisi.

Eli qela liphinde lacebisa ngezinye iindlela zokunceda amakhaya asokolayo, ngokuthi kuphuculwe izibonelelo zikarhulumente ezifana nenkqubo yokuxhasa ngokutya okunesondlo, ukunikezelwa kweetawuli zomama simahla kunye nezibonelelo-mali zezentlalo. Oku kungenziwa ngokuthi urhulumente anyuse umthamo wemali ayichitha kwezi zibonelelo.



Ngethuba kubanjwe ivoti yohlalo lwabiwo-mali lwesebe lakhe uMphathiswa uNene uthe urhulumente uza kwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abantu abasokolayo abathwaxwa kakhulu kukunyuka kwe-VAT. **V**

USithibe uphila kamnandi ngoku ane-albinism



■ Ulerato Sithibe uphambili kumaphulo okufundisa uluntu nge-albinism.

Galoome Shopane

ULerato uligqiyazana eline-albinism. Uyazidla ngeli bala limhlophe kuye futhi akazihluphi ngabo bathetha izinto ezimbi phofu ezingeyonyani ngalo.

"Kubalulekile ebantwini abafana nam ukuba singabamameli abanye abantu abacinga ukuba bayasazi kodwa bengasazi." Musa ukumamela abanye abantu ukuba bathini ngawe, udalwe wafana wedwa," utshilo.

USithibe (oneminyaka yobudala engama-28) waseKroonstad eFreyistata ucacisa athi eli bala limhlophe kuye liyimfuzwa. Lenzeka apho umntu anombala we-melanin omncinci kwisikhumba, iinwele okanye namehlo akhe.

"Asizozilwanyana zokwenza amayeza

amaxhwele angcolileyo okanye izinto ezenziwe ngemilingo njengoko abantu besitsho. Singabantu njengaye wonke umntu."

"Asizozilwanyana zokwenza amayeza amaxhwele angcolileyo njengoko abantu besitsho. Singabantu njengaye wonke umntu."

USithibe wenza imisebenzi emininzi. Ungunobuhle osebenzisa iimpahla ukufundisa nge-albinism kwaye uphambili kumaphulo okulwela abantu abakhubazekileyo eFreyistatha.

Uthi wakhula kwikhaya elishushu nelinothando apho engazange azive ukuba ungumntwana owahlukileyo kwabanye ngenxa yokuba ene-albinism.

"Ndandingazi ukuba kutheni ibala lesikhumba sam lahlukile kwelabanye abantu, ndingasazi nesizathu sokuba xa ndihamba ngaphandle abantu bendibiza ngamagama amabi futhi ufike abanye bendithe ntsho ngokungathi ndingumntu olahlekileyo."

Indlela ebonwa ngayo ngabantu i-albinism yamenza uSithibe wayibona indlela abantu bakowabo ababaluleke ngayo kuye, futhi elibulela negalelo labo ekumenzeni eli nenekazi lingenaxhala futhi lingoyiki bani alilo namhlanje.

Ezinye zezinto angasoze azilibale ebomini bakhe uSithibe ziquka ukuwongwa ngokuba ngu-Miss Free State Albinism ngowama-2018 kunye nokukhethwa njengomnye unobuhle ufikelele kumjikelo wokugqibela wokuba ngunobuhle ongunozakuzaku womboniso-zimpahla, i-Face of Free State Fashion Week yowama-2018.

Njengokuba eyoMsintsi iyiNyanga yokuFundisa nge-Albinism uSithibe uthi angavuya kakhulu ukuba angabona abanye abantu abane-albinism bethatha inxaxheba kwicandelo loonobuhle nakumanye amacandelo. ■

Ingaba abantu abane-albinism bazikhathalela njani?

- Musa ukuhlala elangeni xa ligqatse kakhulu (ukusuka ngo-9 kusasa ukuya ngo-3 emva kwemini).
- Nxiba iimpahla ezigquma umzimba wonke ezifana neminqwazi yelanga, iihempe ezivalekileyo nezinemikhono emide.
- Thambisa amafutha okukhusela ilanga afana ne-SPF 30 kwiindawo ezingaqunywanga zimpahla xa usendaweni enelanga.
- Yiya kugqirha rhoqo ukuze akuxilonge isikhumba namehlo.
- Nxiba izipeks zelanga xa uselangeni.

Closed clinic transformed into pre-school

Dale Hes

The old Newlands Clinic in Cape Town has been given a new lease on life, after being converted into a pre-primary school that caters to 125 children between the ages of three and six.

The Western Cape Government saw the opportunity to give the children of Barkly House Pre-Primary School a better learning environment, converting the closed-down Newlands Clinic into new premises for a school, at a cost of R10.2 million.

Facilities at the converted and modernised new building include five classrooms, a science block, a music room and aftercare facilities.

The Western Cape Department of Transport and Public Works called on award-win-



■ From left to right. Architect Rahdia Parker; Barkly House principal Jeni Reid, Western Cape Education Minister Debbie Schafer and Western Cape Transport and Public Works Minister Donald Grant with some of the pre-school children.

ning female architect Rahdia Katieb Parker to lead the transformation.

Parker is the co-founder of Archi.CapeTown, a 100 percent black and female owned company which focuses on community and education projects.

Parker said that the project was based around giving children a positive first experience of school.

"It was important that, during the design of Barkly House, positive experiences were established, to give chil-

dren a sense of safety, freedom, exploration and connection to landscape," said Parker.

"The school was designed to promote good mental, physical and emotional wellbeing while learning. I believe that the school sets new standards

for learning that the Department of Education can be proud to promote," Parker added.

During the past years Parker has been closely involved with the education sector of the Western Cape. In 2012, she initiated a project to address overcrowding in schools. The project has since placed 950 schools in 200 locations around the province.

Barkly House Pre-Primary principal Jeni Reid, said that the new building has greatly improved the learning environment for the children.

"It has been wonderful to be a part of the process and we are loving the new environment. We have more space and better facilities. We have also been able to increase our pupil numbers from 75 to 125, and we already have a long waiting list for the future," said Reid. ■

Birds eye view of Soweto for Tourists

WHEN INNOVATION meets excitement a lucrative aviation company takes to the skies.

More Matshediso

Wiseman Ntombela has a passion for Soweto's blue skies which has driven him to open his own tourism aviation company called Fly SA Wise.

Ntombela was concerned that tourists frequent Soweto a township in Gauteng, but never get to see the whole township only spending time on Vilakazi Street where the house of the late former President Mandela is situated.

He did research on how he could get visitors to see the whole township within a short space of time, and the only solution was a helicopter.

"I started having talks with helicopter and aviation companies and they agreed that this is a good idea," he said.

In 2016, Fly SA Wise became

operational offering visitors a bird's view of the iconic township with a cost of R250 for a 15 minutes helicopter ride.

"We have different prices depending on the experience that the client requires. Apart from flying over Soweto, we also fly our clients to Kruger National Park and the Mandela Museum in the Eastern Cape," he added.

Over the years the company has expanded on services that it renders and it now flies clients to different places for breakfast and lunch.

The company has also collaborated with other companies that offer experiences such as air balloon, sky diving, and private game reserves.

In order to promote South Africa to the world, the company also uses technology to live-stream experiences of its clients, sharing this on different social media platforms. "This enables



■ Fly SA Wise Managing Director Wiseman Ntombela is excited about flying tourists all over Soweto.

people in different countries to see what the tourists are experiencing in South Africa and in a way we are taking South Africa

to the world," said Ntombela. This company which has also created four permanent jobs and ten casual also won

R200 000 during the 2018 Gauteng Township Entrepreneur Awards for tourism innovation. ■

Iinkcukacha ezibalulekileyo ngokuqala i-B&B

Dale Hes

Ingaba ufuna ukuzenzele imali ngokunika abakhenkethi iindawo zokulala, ubenze bangabulibali ubububele kunye nendlela abebheleli ngayo kamnandi ngethuba betyelele kwingingqi yenu? Ukuqalisa ishishini le-*Bed and Breakfast* (i-B&B) yenye yendlela ezingcono kakhulu yokuziqalela ishishini kwicandelo lezokhenketho. Nazi iinkcukacha ekufuneka uzazi malunga nokuziqalela i-B&B.

Yintoni i-B&B?

NgokweBhunga lokuHlela lezoKhenketho loMzantsi Afrika, i-B&B yindawo yokulala engenabucukubhede buninzi efanayo nje nalo naliphi na ikhaya.

Igumbi ngalinye kufuneka libe nendlu yalo yangasese, kwaye imali yesidlo sakusasa



kufuneka iqukwe kule yokulala. Ukongeza, igumbi kufuneka licocwe yonke imihla xa kukho indwendwe elihlala kulo.

Iindlu eyenziwe i-B&B inganamagumbi amathathu kuphela ubukhulu. Ukuba le ndlu inamagumbi angaphezulu kwamathathu, ayiseyo-B&B kufuneka ibizwe ngokuba iyiguest house.

Ngawaphi amanqanaba alandelwayo xa kuvulwa i-B&B?

Inqanaba lokuqala kukuya kumasipala wakho uye kufaka isicelo sokunikwa ilungelo lokuguqula indlu yakho ibe lishishini lokulalisa nokuntenda iindwendwe. Kungafuneka ukuba ufumane nemvume kubamelwane bakho, uze uxhome nezaziso zokwazisa

abantu ngokubanzi, ukwenzela abo banokuwukhaba lo mbono wakho.

Xa sele uyifumene imvume kumasipala, kuza kufuneka ukuba wanezise nezinye izinto ezifunekayo ngokomthetho.

Izinto ezibalulekileyo ekufuneka uziqwalasele

Indawo – Indawo ekuyo i-B&B yakho ibaluleke kakhulu. Ukuba uhlala kwindawo engathandwa kakhulu ngabakhenkethi kuza kubanzima kakhulu ukuba ishishini lakho liqhube kakuhle. **Izimali**– Ishishini lezokhenketho lihamba ngokwamaxesha onyaka, ke ngoko kufuneka ube nemali oyibekileyo eza kuqhuba ngala maxesha onyaka anqatyelwe ngabakhenkethi.

Ubomi obutsha – Ubomi bakho buza kutshintsha kakhulu xa ungumntu one-B&B. Amaxesha amaninzi kuza kufuneka uvuke

ngonyezi futhi ngamanye ulale ebusuku, kwaye kufuneka uyiqhele into yokuba uza kuba nabanye abantu abazindwendwe abaza kusebenzisa eli khaya lakho. Kwaye kufuneka uqinisekise ukuba indlu yakho ihlala isemgangathweni futhi icocekile ukwenzela ukuba iindwendwe zakho zaneliseke ngalo lonke ixesha.

Ukwazisa nge-B&B yakho – Icandelo lokulalisa nokuntenda iindwendwe linamashishini amaninzi kakhulu, ke ngoko kufuneka uzinike ixesha futhi ube nayo nemali yokwazisa nokuthengisa i-B&B yakho. Kufuneka ucinge ngeendlela ezindwebileyo zokuthengisa ishishini lakho. ■

Xa ufuna iinkcukacha ezithe vetshe ngeBhunga lokuHlela lezoKhenketho loMzantsi Afrika tsalela umnxeba ku: 011 895 3000.